

UKUTYALA IMITHI NEZITIYA ZEMIFUNO

Ukwenza le
gadi kuza kwenza
indlu yethu ijongeke
ngcono

Xa le mifuno
sele ikhulile siza
kongca imali



HOAP

ICEBISO KUBANINI-ZINDLU INCWADANA YOLWAZI



UKUTYALA IGADI




Ukutyala igadi kungaphucula ubume bendawo ohlala kuyo kwaye akuzukudla mali ininzi. Ukwenza imbonakalo yesiza sakho ukuyila indlela nendawo onokutyala kuyo imithi, amatyholo, izityalo nemifuno. Ukutyala kulula xa uzilungiselele kwaye waceba ngononophelo.

Ungatyala imithi namatyholo njengesikhuseli ngaphandle kweminyango, kwefestile, okanye uzijikelezise kwendawo ezivulekileyo ukukhusela indlu yakho kwimimoya ebandayo, iimvula ilanga nesanti evuthuzayo. Imithi evuthulukayo iphulukana namasebe ayo ize ingenise imitha yelanga ngaphakathi endlwini ebusika, iphinda isinike umthunzi ukukhusela umoya ebusika. Imithi namatyholo ikhusela isiza kukhukhuliseko lomhlaba nakuthuli. Yenza nokuba umhlaba wakho ubukeleke kubamelwane.

Imifuno ifuna unakekelo olukhulu lilonke ukukhetha isiza esilungileyo ukulungiselela imifuno kubaluleke kakhulu. Khusela igadi yakho kwimimoya nakwizilwanyana (ungafuna ucingo ukulungiselela oku). Tyala igadi kwindawo enelanga kufutshane nendlu yakho ukwenzela ukuba ujongane nayo lula.

CWANGCISA PHAMBI KOKUBA UQALE



Phambi kokuba uqale kufuneka ucinge nzulu ngezinto ezincinci:

1. Loluphi uhlobo lomhlaba onalo kwisiza sakho?

- Isanti emhlophe okanye emthubi erhabaxa njengeswekile xa uyiva ngezandla. Umhlaba oyisanti awutyebanga kwaye ungoma ngokukhawuleza.
- Udongwe luvakala njengomgubo xa lomile kwaye luyadibana lube nchangathi xa lumanzi. Imihlaba eludongwe ayityebanga kwaye ilukhuni kakhulu xa yomile.
- Umhlaba ovunduvundu uvakala ngathi yinto ephakathi kodongwe nesanti. Usoloko utyebile kakhulu kwaye uyawagcina kakhulu amanzi.

2. Injani imo yezulu yendawo ohlala kuyo.

Ukuba khange uhlale kulo ndawo ixesha elide, buza kubamelwane.

- Kungaliphi ixesha apho koma kakhulu? Kulixesha apho kufuneka unkcenkceshele izityalo zakho kakhulu.
- Umoya uvuthuza nini?
- Ingaba uba mkhulu kangakanani, kwaye uvela kweliphi icala? Ilanga liphuma kwaye litshone kweliphi icala? Le nto iya kukuxelela ukuba ungayityala ndawoni na igadi yakho.


3. Jongisisa ngononophelo isiza sakho.

Zeziphi iindawo ofuna ukuzishiya zivulekile ukulungiselela indlela yokuqhuba okanye indawo yokoneka iimpahla.



ELONA CEBISO LILUNGILEYO LEI

- Imithi namatyholo zifuna ukuncenkeshelwa kanye ngeveki ngexesha lonyaka elomileyo.
- Qinisekisa ukuba imithi iyaxhaswa ngethuba lonyaka wokuqala ikhula.
- Imifuno nezityalo zifuna amanzi yonke imihla kwithuba lonyaka elomileyo.
- Gcina umhlaba usoloko ufumile.
- Yangeza umgquba qho xa uza kutyala into entsha.
- Lususe ukhula nezityalo ezonakeleyo.



UKWENZA NGCONO UMHLABA WAKHO

Sebenzisa ezi zinto zilandelayo ukwenza ngcono umhlaba wakho:

- **Isigcina-kufuma emhlabeni**

Ngokwendalo umhlaba uwufumana ugqunywe ngamagqabi nengca eyomileyo (isigcina-kufuma emhlabeni). Siwugcina umhlaba usendaweni kwaye siyawukhusela elangeni. Qokelela onke amagqabi nengca kangangoko unakho, uzisasaze phezu kwezityalo zakho.

- **Isivundisi okanye umgquba (owenkukhu, owenkomo okanye owehashe).**

Inceda izityalo ukuba zikhule ngokukhawuleza kwaye ziphilile. Inceda ukususa udongwe incede ukuba isanti igcine amanzi. Xa umgquba umtsha wuxube nesigcini-kufuma.

Isivundisi yimpendulo kuzo zonke iingxaki zomhlaba.

- **Amanzi**

Izityalo zikhula kakuhle kumhlaba onkenceshelisisiweyo. Nika izityalo zakho amanzi oneleyo ukwenzela ukuba afunxekele ezantsi emhlabeni. Ungawasebenzisa amanzi okuhlamba asendlwini yakho.

AMANQANABA NGAMANQANABA OKUTYALA

IMITHI NAMATYHOLO

Zininzi iindidi ezahlukeneyo zemithi namatyholo eMzantsi Afrika kwaye abantu abaninzi bayayazi ukuba zilinywa kwaye zisetyenziswe njani na. Ngamaxesha amaninzi isoloko izintlobo ngeentlobo zasekuhlaleni njengoko zisetyenziswa kumhlaba nakwimo yezulu yaloo ndawo. Ezi zityalo azisoloko zifuna amanzi amanzi. Ungazifumana izityalo kwizityana zezityalo zasekuhlaleni, kwimibutho yasekuhlaleni, kwizihlobo nakubamelwane nangeveki yokutyala imithi (Arbor Week) xa izityalo zisasazwa kwimibutho ethanda ukutyala. Thetha nabantu abamele amaziko asekuhlaleni ngolwazi malunga noku.

1. Yomba umgxuma ukulungiselela umthi okanye ityholo lakho ukulungiselela izityalo ezikhulu okanye ezindala yenza idolomgxuma libe nzulu kwaye ububanzi bube ngangesiqingatha somhlakulo. Ukulungiselela izityalo ezincinci yenza ibe ngokuphindaphindwe kane kunomlinganiselo wesingxobo sengcambu.
2. Gcwalisa isiqingatha somgxuma ngomgquba omdala okanye ngesivundisi, usakugqiba uwugcwalise umgxuma ngomhlaba. Zixube ngokwaneleyo. Shiya isithuba esaneleyo ukulungiselela iingcambu sesityalo.
3. Sisuse isityalo esingxobeni saso uze ukhulule iingcambu.
4. Sityale nzulu ngokwaneleyo esazulwini somgxuma ukwenzela ukuba iingcambu zigqumeke ngokwaneleyo.
5. Pakisa umhlaba ongqonge iingcambu wenze into ebudami engqonge umthi le nto iza kukunceda ekunkcencesheleni.
6. Xhasa kwaye ubophe isityalo sakho epalini.
7. Gquma lo ndawo utyale kuyo ngesigcini-kufuma somhlaba uyinkcencesehele ngokwaneleyo.



IMIFUNO NEZITYALO

1. Susa yonke ingca nokhula kwindawo otyale kuyo.
2. Sasaza isixa esikhulu somgquba isixa esimlinganiselo ungangengalo somngquba-nangaphezulu ukuba unakho.
3. Faka umgquba emhlabeni ngokusebenzisa folokhwe uwufake ngobunzulu obungaphezulwana kwizinyo lomhlakulo lowo.
4. Yenza indawo yakho yokutyala igangatheke ngokulinganayo kwaye ibe ntofo-ntofo.
5. Yinkcencesehele ngokwaneleyo phambi kokuba utyale.
6. Yigqume ngesixa esityebileyo sesigcina-kufuma emhlabeni.
7. Yenza izithuba kwisigcina-kufuma uze utyale izithole.
8. Nkcenceshela ngononophelo yonke imihla.

IINGCEBISO:

- Tyala izityalo zakho kufutshane nemifuno olu ncedo luzikhusela kwizinambuzane nakwizilwanyana ezincinane.
- Nkcenceshela izityalo zakho rhoqo elona xesha lilungileyo lelasekuseni.
- Soloko uwuhlaziya umhlaba wakho ngokwangeza isivundisi okanye umgquba omdala kuso nasiphi na isityalo esitsha osityalayo.
- Gcina umhlaba ugqunywe kakuhle ngesigcina-kufuma somhlaba.
- Susa ukhula phambi kokuba ludubule lwenze enye imbewu entsha.

JONGA EZINYE IINCWADANA NGO:

- Ukwenza indlu yakho ifudumale
- Ugcino mali nenkcitho mali yekhaya



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Ipapashwe Development Action Group
101 Lower Main road, Observatory, 7925
Umnxeba: (021) 448-7886 • Ifeksi: (021) 447-1987